Isifundo 11

**Juni 3-9*

Abafundisi Ababuxoki

Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:
2 Pet. 2:1-22, Yohane 8:34-36, Mat. 12:43-45, Yuda 4-19, Gen. 18:16-33.

Indima Yenkumbulo:
"Bebathembisa nje inkululeko, bona ngokwabo bangabakhonzi bokonakala; kuba lowo athi ubani eyiswe nguye, ukhonzisiwe nokukhonziswa kuye" (2 Petros 2:19).

Kwileta yakhe yokuqala, uPetros, ngokuba nomthwalo omkhulu wokwalusa umhlambi, wafuna ukubakhuthaza abafunayo ngokubhekiselele kwiintlekele zentshutshiso. Naxa singazi ukuba zazikumila kunjani iintshutshiso zobukhosi bobuRoma bobuhedeni awayethetha ngazo ngqo, siyazi ukuba ibandla laliza kujongana nezilingo ezibi njengoko babuzama ukuyicima intshukumo ekhulayo yabantu ababebizwa ngokuba "ngamaKristu." USathana ke wazisa uhlaselo oluntantlu mbini. ngokuqinisekileyo, intshutshiso evela ngaphandle – oko kukuthi, unyanzeliso olukrwada nobundlobongela – lwalusisixhobo esinamandla. Noko kunjalo, ibandla lalijongene nolunye uloyikiso, mhlawumbi olunengozi ngaphezu kolo lwangaphandle. Olo yayilutshutshiso oluphuma ngaphakathi. Kanye njengokuba isizwe samaYuda kwakufuneka sijongane nabaprofeti bobuxoki ngaphambili, abalandeli bakaYesu ngemihla kaPetros, kwakuza kufuneka basebenze nabafundisi ababuxoki ababeza "kungenisa bucala amahlelo entshabalalo" (2 Pet. 2:1) ebandleni ngokwalo. Okubi kakhulu, uPetros walumkisa ngelithi, baninzi abaya kuzilandela ezi "ndlela zentshabalalo" (2 Pet. 2:2). Zazisithini ezinye zezi mfundiso uPetros alumkisa ngazo? Wasabela njani uPetros kuzo? Zizeziphi izifundo esinokuzifumana kwisilumkiso namhlanje, njengoko sijongene nezothuso ngaphakathi?

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Juni 10.*

Abaprofeti Nabafundisi Ababuxoki

Ngamanye amaxesha kuba lula ukucinga kakuhle ngebandla lokuqala, ukucinga ngalo njengexesha loxolo olukhulu nokusebenzisana phakathi kwamakholwa okuqala kuYesu. Oko kunokuba yimpazamo. Kwa-ukususela kwimihla kaYesu, ibandla lalijongene namadabi, kakhulu awangaphakathi (cinga ngoYudas). Njengoko iincwadi zeTestamente eNtsha zibonisa, iinkathazo ezininzi zazivela kwiimfundiso zobuxoki phakathi kwawo. Ibandla lokuqala lalisilwa, kungekuphela nentshutshiso evela ngaphandle kodwa kwaneengxaki zangaphakathi. Kule leta, uPetros uphethe eminye yaloo mingeni yangaphakathi. Iyintoni? Ke kaloku, kwakukho nabaprofeti ababuxoki phakathi kwabantu; njengokuba naphakathi kwenu kuya kubakho abafundisi ababuxoki, bona baya kungenisa bucala amahlelo entshabalalo, bemkhanyela uMnini-nto-zonke owabathengayo, bezizisela intshabalalo emsinya. Baninzi abaya kulandela intshabalalo yabo; eya kunyeliswa ngenxa yabo indlela yenyaniso. Bathi benokubawa, banibonelele ngamazwi alalanisayo; abakugwetywa kungaphumliyo kwakudala, nayo intshabalalo yabo ayozeli" (2 Pet. 2:1-3). Ayivakali ngathi yayilixesha loxolo olukhulu nokusebenzisana kwangaphakathi kubazalwana noodade, akunjalo?

Funda 2 Petros 2:1-3, 10-22. UPetros ulumkisa ngantoni apha? Zeziphi ezinye zezinto ezibubuxoki ezazikhuthazwa emabandleni?

UPetros 2:1 ubonakala etyhila isizathu sokuba iNkosi iphefumlele uPetros ukuba abhale le leta. Wayebalumkisa ukuba, kanye njengokuba kwakukho abaprofeti ababuxoki kwixesha eladlulayo, kuya kubakho abafundisi ababuxoki nakwixesha elizayo. UPetros wandlala uludwe lwezimangalo ngakwaba bafundisi, yonke into ukususka "kumahlelo entshabalalo" (2 Pet. 2:1) kuse ekukhokeleleni abangaqondiyo ebukhobokeni (2 Pet. 2:19) nakwimfumba yezinye iimposiso. Koko wakubhalayo, siyabona ukuba ngokwenene ezi yayiziimfundiso eziyingozi, nto leyo echaza ukuba kungabi waphendula kalukhuni kanjalo ukubachasa. UPetros wayengayazi yena into yokuba kuthiwe imfundiso ayinamsebenzi.

Khangela indlela aphendula ngayo kalukhuni uPetros kwezi mfundiso zobuxoki. Singazikhusela njani ngakuyo yonke imizamo yokuziswa kwemfundiso yobuxoki ebandleni?

Inkululeko EkuKristu?

“Kuba, bevakalisa nje iindumbisa zamazwi angento yanto, babambisa ngeenkanuko zenyama, ngoburheletyo, abo babesindile, kanye kwabo bahambayo ekulahlekisweni. (2 Pet. 2:18). Ulumkisa ngantoni uPetros kule ndima?

Uthini ku-2 Petros 2:19 ngento emnceda kwinkxalabo yakhe? Libaluleke ngantoni igama “inkululeko” kwindima ye-19?

Ngolona lwimi luqatha, uPetros wanika abafundi bakhe isilumkiso ngakwiingozi zabafundisi ababuxoki. Ku-2 Petros 2:18-21 walumkisa ngokuba, aba bafundisi babuxoki, nangona bethembisa inkululeko, baya kubakhokelela abantu ebukhobokeni. Ukugqwethwa okupheleleyo kwevangeli! Inkululeko ekuKristu kufuneka ithethe inkululeko ebukhobokeni besono (Rom. 6:4-6). Yonke enye imbono yenkululeko ekuKristu emshiya umntu ebukhobokeni besono, iluhlobo lwemposiso alumkisa ngayo uPetros. Nangona izifundiswa zixoxe kanye ngohlobo lolahlekiso awayethetha ngalo apha, kucacile kona ukuba luhlangene nawo wonke umba wesono nokuba likhoboka komntu kuso.

Funda Yohane 8:34-36. Ingaba amazwi kaKristu apha asinceda njani ukuba siyiqonde into ethethwa nguPetros?

Nokuba yayiyintoni eyayifundiswa ngaba bafundisi bobuxoki, babekhokelela amaxhoba—abantu ababesanda kuyifumana iNkosi uYesu—ukuba abuyele kwiindlela zabo ezindala zesono. Kulula ukucinga ngohlobo olungenaxabiso lobabalo oluthoba isidingo sobunyulu nobungcwele, nto leyo eyabenza ukuba babanjwe kwakhona kwakuloo “monakalo” (2 Pet. 2:19) wehlabathi abebesanda kusinga kulo. Akumangalisi ukuba uPetros athethe kabukhali nakalukhuni kangako ukuchasa ezi mfundiso abalumkise ngeziphumo zokuzilandela.

Uyiqonda ukuba iyintoni inkululeko ekuKristu? Angaba uKristu ukukhulule entweni?

Inja Ibuyela Emhlanzweni Wayo

Funda 2 Petros 2:17-22 noMateyu 12:43-45. Ziba yintoni iingozi xa oguqukele ebuKristwini ebuyela kwindlela yobomi bakhe bangaphambili?

UPetros wayenomthwalo kakhulu ngesiphelo sabo abafundisi ababuxoki baboyisela ukuba babuyele kwizono zabo zangaphambili (2 Pet. 2:18). Abafundisi ababuxoki bathembisa inkululeko, kodwa njengoko ebonisa uPetros, inkululeko abayithembisayo yahluke kakhulu kuhlobo lwenkululeko uYesu ayithembise abo bamlandelayo. Khangela isilumkiso esinamandla asinikayo uPetros. Bekungakuhle ukuba "babengayazanga indlela yobulungisa" (2 Pet. 2:21) kunokuba bathi beyazile, basuke babuyele emva kwiindlela zabo ezindala.

Kona, kona, oku akuthethi ukuthi umcimbi wabo awunathemba. Sonke siyawazi amabali abo bemkayo eNkosini baza kamva babuya. Siyazi nokuba iNkosi ivuya kakhulu xa besenza njalo, ikuvuyele nokubamkela kwakhona. (Bona Luka 15:11-32.) Into eyithethayo kuphela yeyokuba, ukumka kuyindlela enengozi kakhulu ukuba ithatyathwe, kwaye ingemnandi konke. Inja ebuyela emhlanzweni wayo yindlela ekrwada nelukhuni yokuyichaza, kodwa uPetros uwubeka umcimbi wakhe ngaloo mfanekiso.

Mhlawumbi isandi samazwi kaYesu ku-2 Petros 2:20 anenjongo (bona Mat. 12:45, Luka 11:26). UYesu unika umzekeliso wenkoda eyakhululwa kumoya ongcolileyo. Umoya wabhadula ungafumani ndawo yawo, waza wabuya uzokukhangela "endlwini yam apho ndaphuma khona," (Mat. 12:44). Ufika ayifumane ingenanto imiswe kakuhle. Uyabuyela ngaphakathi, kodwa uza neqela leminye imimoya ekhohlakeleyo kunawo. Ngokutsho kukaYesu, "ikamva laloo mntu libe libi kunesiqaleko sakhe" (Mat. 12:45). Ingozi uYesu ayibonisayo, noPetros ayichazayo, iyinene. Ikholwa elitsha lidinga ukuqinisekisa ukuba izinto zikaMoya zithabatha indawo yezinto ezazifudula zibulawula ubomi balo. Ukuba ukubandakanyeka ebandleni nokwabelana ngokholo olutsha akuyithabathi indawo yezenzo zangaphambili, kulula kakhulu ukubuyela kwiindlela ezindala.

Zeziphi iindlela esithi thina njengosapho lwebandla sibe nokukhulisa siqeqeshe ngazo ngcono onke amalungu ethu, ngakumbi amatsha kakhulu?

UPetros noYuda

Abaninzi bambona uYuda ephinda ngendlela enkulu isigidimi sika-2 Petros 2:1-3:7. Lonke ixesha isiBhalo sisiphinda isigidimi, kufuneka siqaphele ukuba uThixo ufuna ukuzisa into ebalulekileyo. Kwezi ndawo zifanayo, uPetros noYuda bahamba indawo ende besazisa inyaniso ebalulekileyo: UThixo uyazilawula iziphelo zabakhohlakeleyo. Bobabini uPetros noYuda basishiya singenayo intandabuzo yokuba Thixo ubuqwalasele kakhulu ububi. Nokuba luluntu olungalunganga okanye iingelosi ezawayo, uThixo ubuqaphele ngendlela eyodwa ububi babo kwaye ucebe isohlwayo sabo ngemini yomgwebo (2 Pet. 2:9, 17; Yuda 6).

Funda 2 Petros 2:1-3:7 noYuda 4-19. Ithini imizekelo yempindezelo kaThixo yangaphambili enikwa nguPetros noYuda ukubonisa uThixo uzimisele mpela ukusisebenza isono?

UPetros noYuda babhala imizekelo emithathu yempindezelo kaThixo kwixesha eladlulayo. Iquka ukutshatyalaliswa kwelizwe laphambi kukaNogumbe, ukutshiswa kweSodom neGomora, nokuqanyangelwa kwemikhosi yeengelosi ukulungela ukutshatyalaliswa (2 Pet. 2:4-6; 3:7; Jude 6, 7). Zonke ezi ziganeko zirhaselwe ngembono ejingayo yesiphelo. Nangona isiBhalo sithetha kakhulu ngenceba nobabalo lukaThixo, ubulungisa bukaThixo nabo, budlala indawo ebalulekileyo ekutshatyalalisweni kokugqibela kwesono.

Zizono ezinjani ezabangela isohlwayo esiqatha? Ziquke ukungeniswa kweemfundiso eziyintshabalalo; ukudelela igunya; ukukhotyokiswa kuloo nto ibalawulayo; ukugqwetha ubabalo lukaThixo lube yimvume yokuziphatha kakubi; ukukhanyela uYesu Kristu njengokuphela kwenNgangamsha neNkosi; ukungcolisa imizimba yabo; ukuthetha okungento, amazwi okuziqhayisa, nokuthetha kakubi ngabanye abantu (2 Pet. 2:1, 10, 19, Juda 4, Juda 8, 2 Pet. 2:18, Juda 10). Okunika umdla, ezi nkcazo ayiziquki izenzo zobundlobongela nezinye zenkohlakalo ezisicaphukisayo. Endaweni yoko, zichaza izono ezirhubuluzayo kodwa zifana. Zizono eziye zixolelwe ebandleni. Le nto imele ukusiphaphamisela kwintswelo yenguquko yenene nohlaziyo ebandleni.

Funda 2 Petros 2:12 noYuda 10. Apha uPetros noYuda bachaza abo bajongene nentshabalalo kuba behle bakumgangatho wezilwanyana "ezingenangqondo" (2 Pet. 2:12; Yuda 10) ezilawulwa yimvelo. Le nkcazo ifana njani nendlela uThixo awamdala ngayo umntu ekuqaleni, kwaye ungayithintela njani le nto ukuba ingenzeki kobakho ubomi?

Izifundo Ezongezekileyo ZeTestamente ENdala

Funda 2 Petros 2:6-16. Yeyiphi eminye imizekelo uPetros ayisebenzisayo ukunika isilumkiso ngendawo ekhokelela kuyo inkohlakalo?

Umzekelo wokuqala ophathekayo ukhomba kwiSodom eBhayibhileni kuGenesis 13:12, 13. ULot no-Abraham bagqiba ekubeni bohlukane ngenxa yezizathu "zendyebo." ULote wakhetha intili yeYordan, "wayisondezela eSodom intente yakhe" (Gen. 13:12). Emva koko iBhayibhile icacisa ithi, "Ke kaloku amadoda aseSodom ayengabenzi bobubi, engaboni abakhulu kuYehova" (Gen. 13:13). Kamva, akuba uThixo emlumkisile u-Abraham ukuba uceba ukuyitshabalalisa iSodom, u-Abraham wathetha-thethana noThixo ngesivumelwano sokuba uThixo akayi kuyitshabalalisa ukuba kungafumaneka ishumi labantu abangamalungisa khona (Gen. 18:16-33). Ukungabonakali kokuba kungafunyanwa neshumi labantu abangamalungisa eSodom, kwabonakaliswa yinto eyenzekayo kubathunywa ababeye kwaLote. Isixeko satshatyalaliswa njengoko kwakucweyiwe; kwaba kuphela nguLothe neentombi zakhe ezimbini abasindayo (Gen. 19:12-25).

UPetros ukhupha izifundo ezibini kweli bali. Kuqala, izixeko ezibini zinika umzekelo wokugwetywa okuzela abangahloneli Thixo (2 Pet. 2:6). Okwesibini, kubonisa ukuba iNkosi iyakwazi ukubahlangula abalungileyo ekulingweni (2 Pet. 2:7-9). UPetros ubuya aphawule ezinye zeempawu zabo batshatyalaliswa eSodom naseGomora: bayinikela inyama yabo kwinkanuko ehlazisayo, balidela igunya, banesibindi nenkani, abalibazisa ukuthetha kakubi ngeengelosi (2 Pet. 2:10, 11). Ezi mpawu zinokufana nendlela uPetros achaza ngayo abafundisi ababuxoki kunye nabalandeli babo. Ibali likaBhileham lifunyanwa kwiNumeri 22:1-24:25. Wayeqeshwe nguBhalaki, ukumkani wakwaMowabhi, ukuba aqalekise amaSirayeli. Ekuqaleni wayezilazila, kodwa ekugqibeleni, woyisakala ukuba azibeke kulo mngcipheko kuba wayeza kuzuza imali eninzi (Num. 22:7-21). Endleleni yakhe wamelwa "sisithunywa sikaYehova" wasindiswa ekufeni kuphela yakuba imbongolo yakhe iphume ecaleni. UBhileham wayibetha imbongolo yakhe, wayiqonda impazamo yakhe akuba evulwe amehlo, wasibona "isithunywa sikaYehova" ngokwakhe (Num. 22:22-35). Ekugqibeleni, uBhileham waphela emsikelela uSirayeli (Num. 23:4-24:24). UPetros usebenzisa uBhileham njengomzekelo wabo balotywa kukukrexeza nokubawa (2 Pet. 2:14, 15). Abantu abanjalo bafana noBhileham. Bayishiyile indlela abamele ukuhamba ngayo.

Cinga ngako onke esikunikiweyo, eBhayibhileni nakwimibhalo ka-Ellen G. White. Ngoko ke, kungani ukuba thina njengaBalindi singatsho ukuba silunyukisiwe?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Amaxesha amaninzi siva amaKristu ethetha nge“nkululeko kuKristu.” Ngokwenene, yingcamango entle le. Ukukhululeka ekugwetyweni komthetho nokuba nesiqinisekiso sokusindiswa ngenxa yoko uKristu asenzele kona. Kungenga misebenzi yethu, ngokwenene, kukukhululeka. Ibali likaMartin Luther nobukhoboka awayekubo ngaphambi kokuba alwazi ubabalo, ngumzekelo omkhulu wento ethetha yona le nkululeko. Sekunjalo, njengoko sibonile kuPetros, inyaniso emangalisayo iyakwazi ukujijwa. “Inyaniso enkulu yokuxhomekeka kwethu okupheleleyo kuKristu ngosindiso yayame kakhulu kwimpazamo yokuba nobuganga. Inkululeko kuKristu iphazanyiswa ngamawaka nokungabi namthetho; kuthi kuba uKristu weza kusikhulula ekugwetyweni ngumthetho, abaninzi bathi umthetho wasuswa, nokuthi, abo bawugcinayo umthetho basukile elubabalweni. Ngoko ke, njengoko inyaniso nemposiso zibonakala zayamene kakhulu, iingqondo ezingakhokelwa nguMoya Oyingcwele ziya kukhokelwa ukuba zamkele imposiso zize zithi, ngokwenza njalo, zizibeke phantsi kwegunya lokulahlekisa kukaSathana. Ngokubakhokela ngolo hlobo abantu ukuba bamkele imposiso endaweni yenyaniso, uSathana usebenzela ukuzizuzela intlonipho yehlabathi lobuProtestanti.” —Ellen G. White, *Christ Triumphant*, p. 324.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Camngca ngo-2 Petros 2:19 kunye nezinye izinto uPetros azithethayo ngeziphumo zemfundiso yobuxoki. Kutheni le nto kufuneka siqiniseke ukuba siyazifundela iinyaniso ezibalulekileyo esizikholelwayo? Kubaluleke kanjani ukuba sonke sivumelane ngqo ngento emasiyikholelwe? Kuba yingozi xa kutheni ukucinga iingcamango ezahlukileyo kwabanye esikholwa nabo?

2. Khangela olunye lolwimi olulukhuni alusebenzisayo uPetros ngokubhekiselele kumba wokohlwaywa nokugwetywa: “bezizisela intshabalalo emsinya” (2 Pet. 2:1); “baya konakala kanye ekonakaleni kwabo” (2 Pet. 2:12); “ibagcinele imini yomgwebo, ukuba babethwe” (2 Pet. 2:9); “nayo intshabalalo yabo ayozeli” (2 Pet. 2:3). Zinokusixelela ntoni ezi ndima kungekuphela ngokuqiniseka komgwebo kodwa ngendlela uThixo abagweba ngayo kalukhuni abo bakhokelela abantu bakhe emposisweni?

3. Ucinga ukuba kuthetha ntoni ukuba abo bathetha nge“nkululeko ekuKristu” bekholisa ukwenza oko, bengaqondanga kumthetho jikelele (nangona abanye besenza njalo) kodwa beqonde ekugcinweni komthetho wesine, umthetho weSabatha? Le ngxoxo isinceda njani ukuba sibone enye indlela ekuthi ngayo ingcamango “yenkululeko kuKristu” ijijwe?

Notes